



## C - ISikhokelo seSebe iWCED: Ukuqhelaniswa nemeko eqhubekayo kooTitshala aBafundi

ISebe eLikhulu: LoPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko	C - ISikhokelo seSebe iWCED: Ukuqhelaniswa nemeko eqhubekayo kooTitshala aBafundi	
C - ISikhokelo seSebe iWCED	Sikhutshwe nge- 15 Meyi 2020	Masiqwalaselwe njengeziyimfuneko naxa kuyimfuneko

Sivunywe yiNtloko yeSebe leMfundo:



BK Schreuder  
Umhla: 2020-05-15

## **ISIHLOMELO C:- ISIKHOKELO SESEBE I-WCED: UKUQHELANISWA NEMEKO EQHUBEKAYO KWABASEBENZI (OOTITSHALA NABANGEZOTITSHALA) NABAFUNDI NDI**

### **1. Injongo:**

- 1.1. Injongo yolu xwebhu kukunikhokela kwinkqubo yokuqhelaniswa nemeko eqhubekayo nezinto ekufuneka zenziwe xa kuqhutywa iprogram yokuqhelwaniswa nemeko eqhubekayo esikolweni.

### **2. IProgram yoKuhelaniswa nemeko eqhubekayo**

- 2.1. Bonke abasebenzi nabafundi kufuneka bachazelwe ngempilo nococeko olumalunga neCovid-19 kunye neeprothokholi zokhuseko ezikolweni.
  - 2.1.1. Iinqununu mazinike inkcazo i-SMT phambi kokuba ootitshala babuyele esikolweni.
  - 2.1.2. Inqununu mayimisele ilungu leSMT ukuba linike inkcazo ootitshala nabasebenzi abangengotitshala xa bebuyela esikolweni.
  - 2.1.3. Abafundi kufuneka bachazelwe ngokuqhubekayo njengoko amabakala ebuyiselwa ngezigaba ngezigaba.

### **3. Izihloko eziza kufikelelwa kwiprogram yokuqhelwaniswa nemeko eqhubekayo**

#### **3.1. IMbali malunga neKhoronavayirasi (i-2019-NCOV) okanye nge-COVID-19**

- 3.1.1. Nge-31 Disemba 2019, iWorld Health Organisation (WHO) eChina inike ingxelo ngendibanisela yezigulo zenyumoniya kwiSixeko saseWuhan, kwiPhondo iHubei laseTshayina. Kwaqinisekiswa isigulo sokuminxana kwesifuba ngokuqatseleyo (*severe acute respiratory syndrome*) enxulumene ne-*novel coronavirus*. Le ntsholongwane ibizwe i-“SARS-CoV-2” yaza yadala isifo esibizwa ukuba yi-“*coronavirus disease 2019*” okanye i-COVID-19.
- 3.1.2. I-COVID-19 isasazwa ngolwelo olungamaqabaza (*fluid droplets*) xa ukhohlela, uthimla okanye ukhwaza yaye inokusasazwa ngumntu oye wasuleleka phambi kokuba iimpawu zenzeke, ngethuba lokugula ixesha elifutshane emva kokuba beziva bhetele. Abaphandi baqikelela ukuba malunga ne-44% yosuleleko lwezifo ezigqithiselwa kwabanye ngabantu abangabonisi naziphi na iimpawu.
- 3.1.3. Kuba iKhoronavayirasi iyintsholongwane entsha, ngoku akukho sigonyo sifumanekayo. Nakuba kunjalo, iimpawu ezininzi zinako ukunyangeka.

## **3.2. Indlela esasazeka ngayo iKhoronavayirasi**

3.2.1. IKhoronavayirasi inokugqithiselwa ukusuka kulwelo olungamaqabazana xa ukhohlela, uthimla, ukhwaza naxa uthetha. Xa abantu bekhohlela yaye bethimla emva koko ulwelo olungamaqabazana lufikelela ezandleni zabo kunye nezinto okanye izinto ezingumphezulu ezibajikelezileyo. Emva koko iKhoronavayirasi inwenwa ngezandla zabo ezibamba izandla zabanye kunye nezinto ezineKhoronavayirasi kuzo, izibambo zocango neekhawuntara. Xa umntu othile ebamba amehlo akhe, impumlo kunye/okanye umlomo emva kokuba ebambe izandla nezinto ezineKhoronavayirasi, emva koko banokosuleleka.

## **3.3. Imimiselo emihlanu “esisiseko” yokuthintela ukunwenwa kweKhoronavayirasi**

3.3.1. Oku kulandelayo yiMimiselo esiSiseko eyi-5 ukuthintela ukunwenwa kweKhoronavayirasi:

3.3.1.1. Ngokuzinxwema kwabanye abantu:

- Ngokuhlala ekhaya xa ungaphilanga.
- Ngokungasondelelani nabantu (physical distancing) xa nikwindawo enabanye abantu:

3.3.1.2. Ngokugcina umgama ubuncinane we-1.5 yeemitha (ubude obuziingalo eziyi-2) ukusuka kwabanye.

- MUSANI UKUXHAWULANA ngezandla, okanye ukwangana, okanye ukubulisana ngamanqindi, okanye ukubulisana ngeengqiniba. Ngokuzigcina umgama kwabanye.

3.3.1.3. Ukuhlamba izandla/ukusebenzisa isibulala-ntsholongwane:

- Ngokuhlamba izandla ngesepha namanzi imizwana eyi-20.
- Okanye ngokukhuhla izandla ngesibulala-ntsholongwane esine-alkhoholi.
- Ngokuhlamba izandla emva kokubamba abantu, iindawo ezingumphezulu kunye nezinto.

3.3.1.4. Ukusebenzisa imimiselo yezempilo eyiyo:

- Ngokukhohlelela okanye ukuthimlela kwingqiniba yakho okanye kwithisiyu uze emva koko ufake ithisiyu emgqomeni uze uhlambe izandla zakho ngoko nangoko.
- Ungabambi ubuso bakho ngezandla ezingahlanjwanga.

3.3.1.5. Ngokusebenzisa iimaski zobuso:

- Ngokusebenzisa imaski yobuso ukugquma impumlo nomlomo wakho.
- Ungayichukumisi imaski emva kokuba uyinxibile.
- Yiyeke imaski ihleli ngalo lonke ixesha ngaphandle kwangexesha apho ufuna ukutya/ukusela khona. Xa uza kutya/uza kusela yikhuphe ngenkathalo ngemitya yayo uze uyibeke kwiphepha elicocekileyo okanye kwisingxobo seplastiki.

- Hlamba izandla zakho ngesepa namanzi ubuncinane bemizuzwana eyi-20. Ukuba isepa namanzi akafumaneki, sebenzisa isibulala-ntsholongwane esine-alkhoholi sezandla.

Kuya kuthunyelwa iiphowusta ezikolweni nge-imeyili yaye ziya kufumaneka kwikhasi i-WCED branding page: <https://wcedonline.westerncape.gov.za/wced-branding>

### **3.4. Omakwenziwe ngabasebenzi nabafundi phambi kokuba baphume ekhaya**

- 3.4.1. Hlamba izandla zakho ngesepa namanzi ubuncinane bemizuzwana eyi-20. Ukuba isepa namanzi akafumaneki, sebenzisa isibulala-ntsholongwane esine-alkhoholi sezandla.
- 3.4.2. Kuphephe ukubamba amehlo, impumlo, kunye nomlomo ngezandla ezingahlanjwanga.
- 3.4.3. Kuphephe ukunxibelelana nabantu abagulayo.
- 3.4.4. Hlala endlwini xa ugula yaye uzame ukungasondeli kwabanye abasekhaya. Yazisa isikolo ngokungabikho kwakho.
- 3.4.5. Zigqume xa ukhohlela okanye uthimla ngengqiniba egotyiweyo okanye usebenzise ithisiyu, uze emva koko ulahle ithisiyu emgqomeni.
- 3.4.6. Coca yaye ufake isibulala-ntsholongwane kwizinto ezichukunyiswa qho nakwiindawo ezingumphezulu.
- 3.4.7. Mabanxibe iimaski zabo.

### **3.5. Omawukwenziwe ngabasebenzi nabafundi kwindlela yabo eyayo nebuya esikolweni**

- 3.5.1. Mabanxibe iimaski zabo.
- 3.5.2. Kubaluleke gqitha ukuziqhelisa ukungasondeli ebantwini (*social distancing*) kunye nococeko olululo ukuthintela ukusuleleka ukuba uhamba ngeenyawo ukuya esikolweni. Zama ukugcina ubuncinane umgama we-1.5 yeemitha phakathi kwakho nomnye umntu ohambayo ukuya esikolweni.
- 3.5.3. Kubaluleke ngokulinganayo ukusebenzisa ukungasondelelani nabantu (*social distancing*) nococeko olululo ukuthintela ukusuleleka ukuba uhamba ngeenyawo ukuya esikolweni. Ukunxitywa kwemaski kunyanzelekileyo xa usebenzisa isithuthi sikawonkewonke. Zama ukugcina ubuncinane bomgama we-1.5 yeemitha phakathi kwakho nomnye umntu ohamba ngeenyawo ukuya esikolweni.
- 3.5.4. NgokoMmiselo, bonke abaqhubi bezithuthi zikawonkewonke mabaqinisekise ukuba isithuthi sifakwe isibulala-ntsholongwane ngaphambi nasemva kokusetyenziswa yaye baqwalasele imimiselo emitsha emalunga nomthamo wabakhweli ukunqanda ukunwenwa kweKhoronavayirasi (2019-NCOV).
- 3.5.5. Makufakwe isibulala-ntsholongwane kwizandla zakho phambi kokungena nasemva kokuhla kwisithuthi sikawonkewonke.

### **3.6. Emakwenziwe xa abasebenzi befika esikolwen**

- 3.6.1. Bonke abasebenzi nabafundi mabaye ngqo kwindawo emiselwe ukuhlolwa ukwenzela ukuba bahlolwe.
- 3.6.2. I-SMT inako ukuhlolana omnye nomnye ekufikeni kwayo esikolweni ukuba ikomiti ejongene nokuhlola ayikamiselwa.
- 3.6.3. Makugcinwe ukungasondelelani lo gama kulindelwe ukuhlolwa.
- 3.6.4. I-SMT okanye abasebenzi abahlolayo abamiselweyo banokuhlola abasebenzi abangengotitshala. Makufundwe oku kunye nesiHlomelo D ngokumalunga nokuhlola.
- 3.6.5. Abasebenzi abahlolayo abamiselweyo mabahlole abafundi ekufikeni kwabo.
- 3.6.6. Wonke umntu makahlolwe qho kusasa njengokuba befika esikolweni.
- 3.6.7. Isithili kunye nenqununu mabaqinisekise ukuba isikolo sicocwe ngokucokisekileyo ngokungqinelana nemigqaliselo kazwelonke neyephondo phambi kokuba abasebenzi kunye/okanye abafundi bafike esikolweni (Makujongwe isiHlomelo G ngokuphathelele koku).
- 3.6.8. Makuhlanjwe izandla ngesepha namanzi OKANYE ngesibulala-ntsholongwane sezandla.
- 3.6.9. Mabaqinisekise ukuba banxiba imaski xa bengena kumasango esikolo.
- 3.6.10. Kucetyiswa ukuba ugcine umgama ubuncinane we-1.5 yeemitha phakathi kwakho nomnye umntu.

### **3.7. Qinisekisa ukuba okulandelayo kufuneka kube khona**

- 3.7.1. Isibonelelo esaneleyo sesibulala-ntsholongwane sezandla, isepha, iitawuli ezingamaphepha, imigqomo yenkunkuma nezinye izixhobo zokucoca.
- 3.7.2. Isibulala-ntsholongwane sezandla esine-alkhoholi kwiindawo ezimiselwe oko.
- 3.7.3. Makucingwe ngokubonelela ngesibulala-ntsholongwane esine-alkhoholi kumqeshwa ngamnye ukuba kufuneka bahamba-hambe xa besemsebenzini.
- 3.7.4. Makubekho ubuncinane iimaski zobuso zelaphu kumsebenzi okanye kumfundi ngamnye.

### **3.8. Inkqubo emayilandelwe xa abafundi bebuyela esikolweni**

- 3.8.1. Kusakuba kubuyelwe esikolweni libakala elithile inqununu nootitshala baqhuba inkqubo yokuqhelwaniswa kwabo nemeko eqhubekayo abafundi ekulawulweni kweKhoronavayirasi (1219-NCOV) esikolweni.
- 3.8.2. Makusasazwe iimaski zelaphu zibe mbini basakufika.
- 3.8.3. Makucaciswe ngenkqubo yokuhlola
- 3.8.4. Makwenziwe inkqubo yokubaqhelanisa nemeko eqhubekayo nebandakanya "iMimiselo esiSiseko"
- 3.8.5. Makuchazelwe abafundi ngesicwangciso sokuhlangula ikharithyulam esitshintshiweyo (*changed curriculum recovery plan*).

- 3.8.6. Makwaziswe ithayimtheyibhile etshintshiweyo yesikolo, iilisti zeeklassi ezintsha kunye nokwahlulwa-hlulwa kweeklassi, ukuba kuyimfuneko.
- 3.8.7. Makuchazelwe abafundi ngokuqelelana phakathi kwabo, ngokuhamba kwabo ukuya nokubuya esikolweni.
- 3.8.8. Makucaciselwe abafundi ukuba kufuneka bahlambe izandla zabo phambi kwexesha lokutya ukutya nekufuneka ukuba bakunikelwe kumagumbi okufundela okanye kwimeko ephantsi kolawulo ngaphandle – kunikwa ingqwalaselo ukungasondelelani nabanye ngawo onke amaxesha.
- 3.8.9. Mabakhuthazwe abafundi ekubuyeni kwabo esikolweni.

### **3.9. Ukusebenzisana nafundi eklasini**

- 3.9.1. Abafundi mabanxibe imaski phambi kokuba bavunyelwe ukungena eklasini.
- 3.9.2. Makutshekishwe indlela yokubekwa kweeddesika eklasini. I
- 3.9.3. idesika kufuneka ubuncinane zibe yimitha eyi-1 ukusuka kwenye.
- 3.9.4. Makuchithwe imizuzu eyi-5 ngosuku ngalunye kukhunjujwa ngokubaluleka kokusebenzisa "imimiselo esisiseko" ("*golden rules*") yokuthintela ukunwenwa kwentsholongwane, kuphendulwe kwimibuzo abafundi ekunokwenzeka ukuba abafundi babenayo.
- 3.9.5. Indlela yokuziphatha eklasini ibaluleke gqitha, ngoko ke qwalasela okulindelekileyo kubo ukuqinisekisa ukhuseleko lwabo.
- 3.9.6. Ootitshala mabaqwalasele umgama we-1.5 yeemitha phakathi kwabo nabafundi kunye nabanye ootitshala.
- 3.9.7. Makucelwe abafundi ukuba bakuthintele ukuthontelana kwizindlu zangasese okanye xa bengaphandle ngee-intavali.

### **3.10. Ukusetyenziswa kweemaski zobuso zelaphu**

- 3.10.1. Iimaski zobuso zelaphu ngoku ziyafuneka ukuba mazisetyenziswe nguye nabani na oya kwindawo kawonkewonke (kuqukwa neendawo zokusebenzela). Iimaski zelaphu kufuneka zisetyenziswe kakuhle ukuze zibe yimpumelelo. Makujongwe apha ngezantsi.
- 3.10.2. Umsebenzi nomfundi ngamnye kufuneka abonelelwe ngeemaski zobuso zelaphu eziyi-2. Oku kuvumela ukuba ubani abe nako ukuyisebenzisa lo gama enye isahlanjwayo yaye i-ayinwa.
- 3.10.3. Ngaphandle kokunxiba imaski, kusafuneka kwakhona niqiniseke ngokulandela eminye imimiselo ukuthintela ukunwenwa – makugcinwe umgama we-1.5 imitha ukusuka kwabanye abantu kunye nokuhlamba izandla zakho qho.
- 3.10.4. Kufuneka kwakhona uqinisekise ukuba uyayazi indlela eyiyo yokufaka, yokunxiba nokuyisusa imaski yakho.
- 3.10.5. Qaphela le ngcebiso ilandelayo emalunga nokunxitywa kweemaski zobuso zelaphu:
- 3.10.6. Hlamba izandla zakho phambi kokufaka imaski;

- 3.10.7. Faka imaski ngecala elichanekileyo elijonge empumlweni nasemlonyeni wakho. Makuqinisekiswa ukuba zombini zigqunywe kakuhle. Bophelela imitya ngasemva kwentloko yakho okanye ukuba imaski ineelastiki, qinisekisa ukuba ziqinile;
- 3.10.8. Nje ukuba ufake imaski yobuso yelaphu yaye wanelisekile yindlela ehleli ngayo imaski, UNGABUBAMBI UBUSO BAKHO OKANYE IMASKI ude uyikhulule imaski. Hlala uyifakile imaski ngalo lonke ixesha ngaphandle kwangexesha ofuna ukutya/ukusela ngalo;
- 3.10.9. Yikhulule imaski ngokukhulula imitya okanye iilastiki yaye ibambe ngemitya kuphela, yibeke kwisikhongozeli ukulungiselela ukuba ihlanjwe;
- 3.10.10. Ungayibambi imaski ubuqu bayo xa uyikhulula;
- 3.10.11. Ungayigcini entanyeni imaski xa ungayisebenzisi;
- 3.10.12. Hlamba izandla zakho ngokucokisa emva kokukhupha imaski;
- 3.10.13. Yihlambe ngamanzi adikidiki yaye uyi-ayine imaski yelaphu yakho imihla ngemihla;
- 3.10.14. Ukuba nabani na ufuna ukukhupha imaski yakhe ngosuku lokusebenza (umz. Ngexesha leti/ngekhefu lelantshi) yaye kufuneka ayifake kwakhona, kufuneka kuqatshelwe ukubamba kuphela iimaski ngemitya yemaski. Imaski mayigcinwe kwiphepha elicocekileyo okanye kwiplastiki (elebhelishwe ngokucacileyo ngegama lomntu) xa ingasetyenziswa.

#### **4. Ukungena nokuphuma komoya (Ventilation)**

- 4.1. Makusetyenziswe kakhulu inkqubo eqhelekileyo yokungena nokuphuma komoya (*ventilation*) esikolweni. Oku kunokwenziwa, umzekelo, ngokushiya iingcango zivuliwe okanye ngokuvula iifestile.

#### **5. Iinkqubo zokucoca zemihla ngemihla nolawulo lwenkunkuma**

- 5.1. Iindawo ezingumphezulu nezinto ezisetyenziswa nezibanjwa qho mazicocwe yaye zifakwe isibulala-ntsholongwane yonke imihla.
- 5.2. Makusetyenziswe isepha namanzi ukucoca iindawo ezo apho kunako. Emva koko, makubulawe iintsholongwane ngesicoci seblitshi ecociweyo. Xuba i-30 ml yeblitshi ngelitha nganye yamanzi.
- 5.3. Ukuba indawo leyo ayinako ukucoca ngesepha namanzi, ke mayisulwe indawo ngenkathalo ngomxube owenziwe nge-alkoholi engu-70%.
- 5.4. Izibulala-ntsholongwane eziqhelekileyo ezinokusetyenziswa ziquka:
  - Iblitshi, o.k.t. i-sodiyam hayiphokhlorayithi (0.1%)
  - I-alkoholi, o.k.t. i-ethanoli (70%)
  - Iikhwathenari amoniyam khompawundi
  - Ihayidrojini pheroksayidi (3%)
  - Ipheroksiasethikhi asidi (0.5%)
  - Ifenolikhi, o.k.t. isepha yekhabholikhi – ii-Iodofozi, o.k.t. ii-ayodini (1%).
- 5.5. Naziphi na izixhobo zokusebenza ekwabelwana ngazo ngabaqeshwa mazicocwe phambi kosetyenziso ngalunye.

- 5.6. Inkunkuma esuka kwizinto zokugcina inkunkuma mayilahlwe kwiingxowa zeplastikhi zitywinwe phambi kokuzilahla kwinkunkuma ngokubanzi ukulungiselela ukuza kuyithatha.
- 5.7. Abaqeshwa abasebenza ngenkunkuma kufuneka bafake iiglavu zokusebenza into yonke xa bekhupha inkunkuma kwizinto zokufaka inkunkuma.
- 5.8. Abasebenzi benkunkuma nabacoci mabanxibe izihlangu ezivalekileyo.
- 5.9. Makucocwe indawo yokugcina inkunkuma yonke imihla.

## **6. Ukufumana iimpahla ezisuka kubaboneleli-nkonzo**

- 6.1. Abaqhubi mabahlale kwizithuthi zabo kangangoko banako.
- 6.2. Abaqhubi nabancedisi babo mabanxibe imaski yelaphu.
- 6.3. Ukungasondelelani (*physical distance*) makugcinwe xa kusamkelwa iimpahla.
- 6.4. Abaqhubi nabancedisi babo mabasebenzise isibulala-ntsholongwane sezandla phambi kokukhupha nawaphi na amaxwebhu okuziswa kweempahla okanye iiphakheji kubaqeshwa.
- 6.5. Makuqinisekiswa ngokuhlamba izandla qho/ngokusebenzisa isibulala-ntsholongwane.

## **7. Ulondolozo lweziseko zophuhliso**

- 7.1. Izikolo mazibhalise izehlo zolondolozo lwamathuba kaxakeka.
- 7.2. Ezi zehlo ziya kulandelelwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) kunye neSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (DTPW).
- 7.3. Xa iikhontraki zifika esikolweni ukuza kulungisa, makuqatshelwe oku kulandelayo:
  - Bonke abasebenzi mabahlolwe phambi kokuba bavunyelwe kumasango.
  - Makuqwalaselwe ukungasondelelani nabantu;
  - Ukuba kunako, makucelwe ikhontraki ukuba isebenze emva kweeyure zesikolo phantsi komqathango wokuba ukhona umntu esikolweni oya kubeka esweni umsebenzi;
  - Makucelwe abafundi ukuba bangasondeli kuyo nayiphi na indawo apho kwenziwa umsebenzi wolondolozo khona.

## **8. Iinkcukacha zonxibelelwano eNtshona Koloni**

- 8.1. WCG Covid-19 Hotline number 021 928 4102